


Inside this issue

MOTIVATION:
IBALI LENKUTHAZO

BIOGRAPHY:
HAZRAT ABDULLAH IBN UMAR
RADHIALLAHU ANHUMA

IMIBUZO NEEMPENDULO:
HANAFI FIQH



XHOSA PUBLICATION

TAYSEERUL AQAID

Basic Islamic Beliefs in the
Xhosa language

Download pdf or audio:

<http://alhidayah.co.za/tayseerul-aqaaid/>

XHOSA RESOURCES:



XHOSA TAFSEER AUDIO
<http://alhidayah.co.za/xhosa-tafseer/>



XHOSA NEWSLETTER
<http://alhidayah.co.za/ilizwi-le-islam/>

UBOMI BOLONWABO

Amanyathelo amahlanu akhokelela kubomi BOLONWABO

Umntu ngamnye unqwenela ukufumana ubomi obunolonwabo. Kubalulekile ukuba kuqala siyazi ukuba yintoni na ulonwabo, khona ukuze sizoyazi ukuba sinalo na okanye asinalo. Ulonwabo lokwenene kukuba woneliseke zizinto onazo okanye yimeko ozibona ukuyo.

Nazi izinto ezintlanu onokuzenza khona ukuze uzokufumana olu lonwabo.

1) Ukoneliseka yimeko okuyo okanye izinto onazo

Njenga bantu asinawo amandla okulawula iimeko zethu. Amashumi amahlanu embilweni ulonwabo kwi Islam lufumaneka ngokuthi woneliseke yilo meko ozibona ukuyo. Lonto ithetha ukuthi njengamakholwa, ukuba ngokwenene siyamthanda u-Allah imiphumela yoko kukuba soneliseke yimeko yobomi bethu.

UmProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wayedla ngokwenza le Dua, amazwi Ayo aqaqambisa ukubaluleka kokoneliseka yimeko ozibona ukuyo. Amazwi alo Dua ngala: Owu ndenze ndoneliseke yiyo yonke into ondinike yona, yenze isikeleleke, ndinike endaweni yezo zinto ndingenazo into engcono kunazo." (Bukhari)

Kwenye iDua wathi: Wacela ku-Allah amkhusele ekubeni isiqu sakhe singoneliseki. (Muslim)

2) Onelisa umphefumlo hayi umzimba

Amashumi amane ekhulu okonwaba komntu kusuka kwizenzo zethu. Kengoko yenza ezo zinto zenza umphefumlo wonwabe, ezizisa ulonwabo sentliziweni hayi ezizisa umvuzo nolonwabo ebusweni. Indlela ukuba nemali kunozisa ngayo ulonwabo kuba uyisebenzise lo mali unayo ngokunceda abangenanto ngokuba nika iminikelo.

3) Ukunikela (Charity)

"Yonke indalo ixhomekeke ku Allah, esona sidalwa sithandwayo ngu-Allah ngulowo wenza okulungileyo kwabo baxhomekeke kuye." (Bayhaqi) Ngaphandle kwamathandabuzo xa unikela kwabo basweleyo, ubayinxalenye yecebo lika Allah lokuba nawe wenze okulungileyo kwindalo yakhe. Xa usenza okulungileyo kwindalo Yakhe ngokuqinisekileyo ukufumana uthando lwakhe ngaphandle kwamathandabuzo umphefumlo ulonwabo njengokuba ungcungcutheka xa u-Allah ekuqumbele. Kukho intetho ethi: Ukuba ufuna ulonwabo lweyure lala. Ukuba ufuna ulonwabo lwemini yonke hamba uyokuloba intlanzi. Ukuba ufuna ulonwabo lonyaka, fumana ilifa ezininzi. Kodwa ukuba ufuna ulonwabo loBomi bonke, nceda omnye umntu.

4) Ukukholelwa ku-Allah

Xa ukholelwa ekubeni yonke into yenzeka ngemvume nangentando ka-Allah, xa kusenzeka nantoni na uyayazi ukuba ngeyingenzekanga ukuba ebengathandanga, njalo uyaxola kuba uyayazi intando ka-Allah ililo meko ozibona ukuyo. U-Allah uyasicacisela kwiQuran unxulumano olukhoyo phakathi kokukholwa, izenzo ezilungileyo kunye nobomi bolonwabo: "Nawuphina umntu oyindoda okanye obhinqileyo owenza izinto ezilungileyo, ngaxesha nye abe ulikholwa, ngaphandle kwamathandabuzo Sizakumnika ubomi bolonwabo, kwaye Sizakuvuza abantu abanjalo ngokungcono kunoko bebekwenzile." (Quran 16:97)

5) Yeka ukubawa

Musa ukujonga (ukhuphisane) kwabo banobutyebi, bango zaziwayo kwizinto zalo umhlaba. "Jonga (ukhuphisane nabo bangananto kunawe), kuba oko kungcono kuwe." (Muslim)

UmProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi: "Ukuba umntu ebenentlambo egcwele igolide, ebezakufuna ukuba afumane eminye imilambo emibini yegolide. Akukho nto iwugcwalisayo umlomo wakhe ngaphandle kothuli lwengcwaba, Yena u-Allah uyakuxolela lowo uguqukela kuye." (Bukhari 6075)

XHOSA TAFSEER CLASSES

PORT ELIZABETH | SEP 2019 | Males and females
Conducted by Al Hidayah Centre

Masjid Zikrullah, Ngadla Street, Motherwell
🕌 8 • 15 • 29 Sep | Sundays after Zuhr
Al Fidaa Musalla, Marikana
🕌 2 • 16 • 30 Sep | Mondays after Maghrib
Kwazakhele Jamaat Khana, Vuku Street
🕌 3 • 17 Sep | Tuesdays after Maghrib

BIOGRAPHY

UBOMI BUKA ABDULLAH IBN UMAR

(RADHIALLAHU ANHUMA)

Igama lakhe ngu Abdullah unyana ka Umar RadhiAllahu Anhuma. Umama wakhe yena yayinguZainab intombi ka Math'oon. Wayomnkela i-Islam ngaxesha linye notata wakhe u-Umar RadhiAllahu Anhu.

Unonophelo lwakhe ekubaliseni ngeHadith

Nasekubeni wayenolwazi oluphangaleleyo, kodwa wayechula ukunyathela xa ezakubalisa ngeHadith. U Muhammad bin Ali kuwo onke elona Sahabi elali nobunono kakhulu ekubaliseni ngeHadith, ngenxa yoloyiko lokongeza okanye ukuthabatha kwiHadith. Imaam Sha'bie uchaza ukuba wachitha unyaka wonke no Abdullah bin Umar RadhiAllahu Anhuma, kodwa azange amve ebalisa ngeHadith. Isizathu sokuba angabalisi ngeHadith kukuba wayezama ukubonisa ukuba akuyomfuneko ukuba ubalise nje ngeHadith nalapho kungeyomfuneko. Kwaye yayikukuba wayenoluvo lokuba kuyimfuneko ukuba xa ubalisa iHadith uyibalise ngalo magama uqobo lawo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ebewasebenzisile.

Ububele bakhe (His generosity)

Hazrat Maymoon bin Mehraan (Rahmatullah Alayhi) uchaza abantu baziva bexhalabile xa babe bona ukucekethaka kuka Abdullah bin Umar RadhiAllahu Anhum. Umfazi wakhe waphendula akuya ngenxalabo yabo wathi, Yintoni na endinokuyenza mna? Kuba rhoqo ndimphekela ukutya, umema abanye abantu kude kuphela ukutya esatyisa bona.

“Xa ephuma eMasjid amahlwempu ambalwa ayehlala endleleni eya endlwini yakhe, naye xa ewabona wayedla ngokuwamemela endlwini yakhe khona ukuze azokufumana isondlo. Ngenye imini inkosikazi yakhe yalungiselela phambi kwexesha ukutya khona ukuze amahlwempu atye kona xa efikile, nokuba ukugqiba kwawo ukutya ahambe angahlali endleleni apho u-Abdullah bin Umar RadhiAllahu Anhum anokuthi agqithe kuyo. U-Abdullah Ibni Umar RadhiAllahu Anhum wathi xa ebuya emasjid wayalela abalindi bakhe ukuba babize abantu abathile ukuba bazokuzibandakanya naye ekutyeni (kuba engafumenanga bantu ecaleni kwendlela). Kodwa nabo wabathumela ukuba bazokutya naye azange beze kuba inkosikazi yakhe yabayalela ukuba bangezi xa ebamemela ukutya. Wathi wakuyiqaphela into eyenzekileyo wathi kubo, ikhangeleka ingathi anifuni nditye namhlanje njalo wabe ulala engatyanga.

Ukusweleka Kwakhe (His demise)

U-Abdullah Ibni Umar RadhiAllahu Anhuma wasweleka ngonyana we 74AH, ngelo xesha wayekwi Hajj wahlatywa ngentshuntshe esenza iTawaaf. Intshuntshe leyo yayiqatywe ityhefu nto leyo yabangela ukuba ikhawuleze ukuhamba emzimbeni yabangela ukusweleka Kwakhe. Iingcali ngezembali ukuhlaselwa kwakhe kwacetywa nguHajjaj Ibni Yusuf ngenxa yokuba wakukhalimela ukuhlasela kuka Hajjaj Ibni Yusuf kwi Ka'aba.

INSPIRATION

IBALI LENKUTHAZO

Idonki phakathi equleni

Xa uzibona umphefumlo wakho uphantsi usisigculelo sabantu, mamela apha: Ngaminazana ithile idonki yomfama yatshona equleni. Emva kwemigudu yokuzama ukuyikhupha, wasilela ukuyikhupha. Ekugqibeleni wafikelela esigqibeni sokuba kakade indala le donki, kwaye nequla elo bekufanele kanti kudala lagqunyelelwayo. Wabiza bonke abamelwane bakhe ukuba bazokuncedise ekugqumeleleni elo qula.

Ekuqaleni le donki yakhala kakhulu yakubona ukuba izakugqunyelelwa ngomhlaba. Emva kwexesha yathi cwaka. Umfama ethubeni waya wazama ukujonga kumaxa ukude kangakanani ukugcwala lo mngxunya. Wamangaliswa kakhulu yinto awayibonayo.

Ngomhlakulo nomhlaba ngamnye ophoswa emqolo wayo, yayiwuvuthulula uwe phantsi, ime phezu kwawo.

Ngalo lonke ixesha lo mhlaba uphosa yayisenza lo nto, ngelingeni bayibona lo donki sele iphuma ngaphandle kwelo qula.

Isifundo: Ubomi bukwenza uzibhaqe ugityiselwa ngobumdaka. Icebo lokuzikhupha kobomdaka kukuba ubuvuthulule, uqibele phezu kwabo. Bonke ubunzima masibenze iziteps zokunyukela phezulu. Nokuba ukweyiphi inzonzobila yobunzima ungaphuma kuyo ukuba uyaqhubeka uzama ukuphuma kuyo, UNDOQO Kukunganikezeli. Kukho Ukukhanya kwelinye icala letonela.

INSIGHT INTO FIQH DIFFERENCES IN TRAVEL

Umahluko phakathi kweShafi ne Hanafi Mathab malunga nemithetho xa ungumhambi

Lo ngumkhomba ndlela nje impendulo eziphangaleleyo uyakuzifumana kwi Ulama.

1) Distance

Shafi: Kufuneka ukuba umhambi abenenjongo yokuhamba uhambo lweeKilomitha eziyi80 nangaphezulu.

Hanafi: Kufuneka ukuba umhambi abenenjongo yokuhamba uhambo lweeKilomitha eziyi 77 nangaphezulu.

2) Period

Shafi: Ukuba umntu unenjongo yokuhlala apho Aya khona iintsuku ezine nangaphezulu ngaphandle kwesuku lokufika nelokuhamba. Lo mntu unjalo akathatyathwa njengo mhambi (Ngoko mthetho we Islam)

Hanafi: Ukuba umntu akananjongo kulo ndawo aya kuyo yokuhlala iintsuku eziyi 15 nangaphezulu lo mntu akasayi kuhlala njenge Musaafir.

3) Joining Prayers

Shafi: Umntu oyiMusaafir angayidibanisa Imithandazo Zuhr kunye neAsr okanye iMaghrib kunye kunye ne Eshaa ngexesha lawo nawuphina umthandazo lowo.

Hanafi: Imusaafir akuvumelekanga ukuba iyidibanise imithandazo eFardh ngexesha elinye kweZuhr ne Asr e Arafat kunye neMaghrib kunye ne Eshaa.

4) Shortening prayer

Shafi: Imusaafir iyazikhethela ukuba iiRakaats zomthandazo oFardh izinciphise okanye izenze ngokupheleleyo, kodwa

kungcono ukuzinciphisa (Qasr).

Hanafi: Imusaafir kufuneka izinciphisile iiRakaats zomthandazo oFardh ayivumelekanga ukuba izithandaze ngokupheleleyo.

5) Ladies Travel

Shafi: Amabhinqa angaya kwiHajj eFardh ngaphandle kweMahram xa kukho bangamabhinqa athembakaleyo amabini nangaphezulu.

Hanafi: Amabhinqa akavumelekanga ukuba ahlambe idea umgama ongaphezulu kuneekhilomitha eziyi77 nangaphezulu.

6) Intention

Shafi: Umntu othabatha uhambo unenjongo yezono, lo mntu akazifumani izaphulelo ezifunyanwa yiMusaafir.

Hanafi: Umntu nawuphina othabatha uhambo olungange khilomitha eziyi77 nangaphezulu uyasifumana isaphulelo seMusaafir nokuba injongo yakhe ithini na.

7) Indefinite Period

Shafi: Nayiphi na Imusaafir engakathabathi sigqibo ngexesha ezakuhlala ukususela kwiintsuku eziyi18 uyakuhlala njenge Musaafir.

Hanafi: Imusaafir engaqinisekanga ukuba izakuhlala iintsuku ezingaphezulu na kuneentsuku eziyi15, ukuba unjalo angahlala eyimusaafir iintsuku ezingaqingqwanga.

Source: Islamic Focus

UKUQEQQESHA ABANTWANA

1) Abantu abaninzi ababaqeqeshi okanye wabafundisi abantwana besabancinci, ngesizathu sokuba basebancinci. Intetho yakwaxhosa ithi: Umthi ugotywa uselula. Kanti izimbo zokuziphatha uzifunda kanye ngelixesha esemncinci.

2) Ilizwi lobulumnko elifanele ukubhalwa ngegolide lithi: Ukuba umntwana ucela into mnike ukuba uyakwazi ukumnika, kodwa ugqibalise ekubeni akuzomnika, sukumnika ngenxa yokuba enkaniza ekufuneka lonto. Nokuba uyakuhlala kuba efuna lonto sukunikezela kulo mfuno yakhe. Ukuba umbonile lonto ngenxa yokunyanzelisa kwakhe uzakuqhela ukunyanzelisa xa efuna into, kuba eyazi ukuba kwixesha esingaphambili wayifumana into awayayifuna ngosuka ankanize kengoko iyakuphela ingumkhwa walo mntwana ukubonisa naxa sele emdala.

3) Ngexesha leholide kufuneka siqinisekise ukuba abo Baya esikolweni bazichitha iholide zabo kwindawo enabantu abangamalungisa, kuba ixesha elininzi belichitha esikolweni ,maxa wambophelela iinkcubeko abadibana nazo esikolweni zibenza babe budideka nangokwasenkolweni, kengoko kubalulekile ukuba sisebenzise elixesha leholide ukomeleza

inkolo yabo.

4) Sukuthetha okanye wenze izinto zamanyala kukho abantwana.

5) Xa uqeqesha abantwana akufuneki ubendyengelele okanye ubengqingqwa kakhulu.

6) Kufuneka ukuba bangaqheli ukutya nje nayiphi na into abayinikwayo, koko mabaqhele ukuba banikwe into ngumntu mabaze nayo ekhayeni, njalo bangasinda nasekuxhwilweni nasekonzakalisweni kuba bengaboyiki abantu xa bezabanika into.

7) Baqhelise ukuba bangaqheli ukutya kakhulu, kwaye baqinisekise ukuba bayazivasa izandla phambi kokuba batye ukutya.

8) Nasekubeni kuzintsikelelo ukuqeqesha abantwana, ukuqeqesha abantwana abangamantombazana kuzintsikelelo ezinkulu kakhulu ukogqitha ukuqeqesha Amakhwenkwe.

IMIBUZO NEEMPENDULO

HANAFI Q&A

Q: Ndiphangela kwindawo ethengisa ukutya, njengomcoci ngamanye amaxesha ndisebenza ethilini. Ezinye zezinto ezithengiswayo yimidiza, inyama yehagu kunye nelotto. Kule venkile zikwakhona nezinto ezi halaal umzekelo iziselo ezibandayo, amayeza nezinye nezinye Ingaba kuharaam Na kum ukusebenza kule venkile, kwaye ingaba umrholo wam endiwufumene kulo msebenzi iharaam Na?

A: Zimbini izinto ezibangela ukuba uyazi ukuba ingaba ingeniso yakho ihalaal okanye iharaam kusini na:

1. Ubuninzi bomthombo bezimali apho abasebenzi babhatalwa khona.
2. Umsebenzi oqeshelwe wona.

Malunga nombuzo wakho, ukuba ubuninzi bengeniso yalo venkile uphangela kuyo isuka kwizinto eziHalaal, kulo meko umsebenzi kunye nomvuzo ziyakuba halaal. Umsebenzi wakho wena kukugqithisa urhwebelwano nokucoca. Kuba nalo wena akuchaphazeleki ekusungulweni kwesivumelwano sorhwebo kwaye ungenguye nommeli womnikazi wevenkile. *Approved by Mufti Ebrahim Desai*

Q: Ndingunkosikazi otshate nendoda enonyana ababini

(iminyaka yabo ingaphezulu kunamashumi amabini) kumtshato wayo wangaphambili. Umthetho wam ndinxiba isigqumi buso (hijaab) kodwa andibugqumi ubuso phambi kwabo Kuba kunzima ukusoloko ndizigqumile. Ingaba kulungile ukuba ndingazigqumi phambikwabo?

A: Ngokwale nkcazelo uyinikezeleyo, oonyana bomyeni wakho komnye umfazi akuyomfuneko ukuba uzigqume kubo, Kuba ngonyana bomyeni wakho. Kodwa kungcono uhlalele mgama kubo Kuba basebatsha. *Approved By Mufti Shafiq Jakhura*

Q: Kutheni kungavumelekanga ukuba umfazi abe namadoda amabini nangaphezulu ukuba uziva engakwazi ukumelana nawo?

A: Akuvumelekanga, ngenxa yombhodamo onokwenzeka. Lo madoda angasoloko esilwa ngaye. Ukuba kwenzeka akhulelwe ngowuphi kulo madoda ozakuba ngutata? lingxaki zentlalo zinganinzi kakhulu. *Approved by Mufti Ebrahim Desai*

Q: Ingaba iDajjal iyaphila ngoku?

A: Ewe iyaphila ivalelwe esiqithin esithile. *Approved by Mufti Ebrahim Desai*

POETRY LESSONS OF MUHARRAM


Since the Hajj, our slates are clear,
Muharram is the first month of the year.
In this month, Bani Israel got freedom from Firawn's wrath,
Hazrat Husain ؑ was martyred in Allah's path.

Firawn was a very tyrant king indeed,
And he exceeded the limits in his deeds;
Allah taught us a lesson through Firawn,
Those who defy Allah's message will drown.

Martyrs have a blissful life in paradise,
They escaped the prison of this life, which is nice.
Allah teaches us through their shahadat
We all have to wish for this best of ibadat.

We must change our lifestyle and have Allah's fear,
To truly deserve a happy and pious new year!
If our Imaan is strong,
Allah will help us all along.

Written by: **Obaid Ahmed**



RECIPE

Chocolate Chip Cookies

45 min Prep Time
1 hr 15 min Total Time

Makes 48 Cookies

METHOD

STEP 1
Heat oven to 375°F.

STEP 2
Combine butter, sugar, brown sugar, eggs and vanilla in bowl. Beat at medium speed until creamy. Add flour, baking powder, baking soda and salt; beat at low speed until well mixed. Stir in chocolate chips.

STEP 3
Drop dough by rounded tablespoonfuls, 2 inches apart, onto ungreased cookie sheets. Bake 10-12 minutes or until light golden brown. Cool 2 minutes on cookie sheet; remove to cooling rack.

VARIATION:
Pecan Toffee Chocolate Chip Cookies: Stir in 1 cup chopped pecans and 1/2 cup English toffee bits with chocolate chips.

INGREDIENTS

1 ½ cups butter, softened
1 ¼ cups sugar
1 ¼ cups firmly packed brown sugar
2 large eggs
1 tablespoon vanilla
3 ¾ cups all-purpose flour
1 teaspoon baking powder
1 teaspoon baking soda
1 teaspoon salt
1 (12-ounce) package (2 cups) semi-sweet chocolate chips

Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or to support our projects on:

041 492 2773 Mon-Fri 8.30 am - 4.00 pm

041 492 2773 @Hidayah_Centre hidayah_centre Al Hidayah Centre info@alhidayah.co.za 18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth

AL HIDAYAH
CENTRE
EASTERN CAPE